## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ubemNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Iingcebiso malunga nokusebenzisa ixesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-40 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-30 |

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Andizange ndonwaba kangako. **[50]**

1.2 Utitshala endimthandayo. **[50]**

1.3 Ipalamente. **[50]**

1.4 Liyinyaniso elithi ... **[50]**

1.5 Ukusetyenziswa kwamakhasi onxibelelwano kwezoshishino. **[50]**

1.6 Umntu ngumntu ngabantu. **[50]**

1.7 Bhala isincoko ngomfanekiso ongezantsi. Nika isincoko sakho isihloko.

1.7.1



[Uthatyathwe ku-www.thoughtprovokingpics.com wahlelwa] **[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho umbulele ngokukunika inkxaso ekukhuleni kwakho. **[30]**

2.2 **IOBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yomntu obengumdlali obalaseleyo. **[30]**

2.3 **INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini unike iingcebiso malunga nemfundo yamahala kumaZiko eMfundo ePhakamileyo eMzantsi-Afrika. **[30]**

2.4 **UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala udliwano-ndlebe nomqeqeshi wezemidlalo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

## UMBUZO 3

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **IFLAYA**


Bhala iflaya wazise ngesejari kagqirha eza kuvulwa. **[20]**

3.2 **UNGENISO LWEDAYARI**

Bhala ungeniso lwedayari lweentsuku ezintandathu ulungiselela usuku lokuhlonipha amalungelo oluNtu. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Bhala izalathisi zokubonisa udade wenu ohamba ngeenyawo indlela eboniswe ngeentolo esukela e*Delft Sports Complex* eya eBambi Educare.




[Ithatyathwe ku-googlemaps yahlelwa] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**